



Edition 55
IsiXhosa, English

It starts with a story...

Book by book

There are so many different stories out there and so many books. It's not surprising that when we are asked to share books with children, we sometimes feel confused and overwhelmed about what to choose.

We all – children and adults – become readers one book at a time. It is only by reading on our own and with others that we come to know what to do and which books to choose. There is no correct place to start, only a correct time – now! Page by page, story by story and book by book we gradually learn more about books and reading, and we become more comfortable in our role as a reader and a reading role model for others. Each time we read a book, we learn something – and this learning never stops! There is so much to get to know and experience – from the look and feel of a book, to its themes, characters, style of writing and illustrations.


It helps to ask others which books they enjoyed and to try their recommendations, like you might try on clothes in a shop – some fit and some don't! But, just like growing our own wardrobe of clothes, in time we come to know which stories suit us best. Each of us gathers a collection of best-loved stories. These can be stories from close to home and from far-away places; some are filled with lessons and messages, some tell of hardship and challenges, and others make us laugh and fill us with joy.

Some of us start to gather stories as babies on the lap of a precious adult. Some of us start at school, when we are read to by a teacher or a librarian. These adults are able to pass on the power and delight of reading because they have experienced it for themselves. So, book by book, we develop as readers and we pass on this experience to the next generation, who in turn will pass it on to their children one day.

For more information on reading with your children, visit "Tips and Topics" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

"Books are the plane, and the train, and the road. They are the destination, and the journey. They are home."
 Anna Quindlen, *How reading changed my life*

"Iincwadi ziinqwelomoya, ngoololiwe kunye neendlela. Iincwadi ziziindawo esiya kuzo, zikwalulo nolo hambo uqobo. Zilikhaya."
 nguAnna Quindlen, ku*How reading changed my life*



Incwadi ngenchwadi

Kukho amabali kunye neencwadi ezininzi kakhulu ezisingqongileyo. Akothusi ukuba xa sicelelwa ukuba sabelane nabantwana ngenchwadi, sithi ngamanye amaxesha sidideke kwaye sixakwe ukuba sikhethe ziphi na.

Sisonke – abantwana kunye nabantu abadala – siba ngabafundi ngokufunda incwadi enye ngexesha. Kuxa sizifundela kuphela naxa sifunda nabanye ukuze sazi ukuba senze ntoni na kunye neencwadi emasizikhethe. Akukho ndawo ifanelekileyo umntu angaqala kuyo, kuphela nje lixesha elifanelekileyo lokuqala – nguwo lo mzuzu ke! Sithi chu, sifunda ngakumbi ngenchwadi kunye nangokufunda ngephepha nephepha, ibali nebali kunye nencwadi nencwadi, kwaye siye sizive sikhululeka kwaye sikonwabela ukuba ngumzekelo kwindima yethu yokuba ngumfundi nokuba ngumzekelo wokufunda abayakuthi abanye bafunde kuwo. Ngexesha ngalinye sifunda incwadi, sifunda okuthile – kwaye oku kufunda akunasiphelo! Kuninzi kakhulu ekufuneka kufundiwe nesifumana amava ngako – ukususela kwindlela ekhangeleka nevakala ngayo incwadi xa uyibambile, ukuya emixholweni, kubalingiswa, isimbo sokubhala kunye nemifanekiso.

Kuyanceda ukubuza kwabanye ukuba zeziphi iincwadi abozonwabelayo uze ke nawe uzame ukufunda ezo bazincomayo njengokuba unokwenza xa ungene kwivenkile yempahla, ulinganise – ufananisa ukuba ezinye ziyakulingana ukanti

ezinye azikulingani! Kanye njengokuqala ingqokelela yeempahla ezi zakho, uye uwazi ukuba ngawaphi na awona mabali uwathandayo nonomdla kuwo njengokuba ixesha lihamba nje. Umntu ngamnye kuthi uqokelela awona mabali athandwayo. La inganamabali asuka kufutshane nekhaya kunye nalawo asuka kude nekhaya; amanye kuwo azele ziimfundiso nemiyalezo, amanye abalisa ngeenzima nemingeni, aze amanye asenze sihleke kwaye asizalise ngolonwabo.

Abanye kuthi baqala ukuqokelela amabali beseziintsana ezifunqulwe ngabantu abadala abathandekayo. Abanye bethu baqala esikolweni, xa sifundelwa ngutitshala okanye ngusothala. Aba bantu badala bayakwazi ukugqithisela amandla nobumnandi bokufunda kuba nabo banamava ngokufundelwa nokuzifundela. Ngoko oko ke, ngenchwadi nencwadi, siyakhula siphuhle njengabafundi size sidlulisele loo mava kwisizukulwana esilandelayo, ukuze nabo bawadlulisele kwababo abantwana ngenye imini.

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokufunda nabantwana bakho, ndwendwela u-"Tips and Topics" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your imagination

Read to me. Book by book.
Ndifundele. Incwadi nencwadi.





Drive your imagination

Your story

Here is a piece of writing by Sello Phemelo to inspire you in 2014! Sello's poem received the Best Writing award in our Children's Day writing competition last year.

Who can I help?
Stretch out your hand
Reach out
To the people's needs

Open your ears
Here are inspiring words
Open your eyes
And look around

Just ask yourself: what can I do?
You have hands
You have eyes
You have ears
Expose yourself.

If you love, love more
If you sing, sing the best
If you know how to read, read more
If you have anything good,
Show it to the world.
Come out, do not hide
Expose yourself
This year.

Sello Phemelo, 11 years, Dynamite Diamonds Reading Club, Limpopo



Ibali lakho

Nasi isiqwengana esibhalwe nguSello Phemelo esiza kukuvuselela ngowama-2014! Umbongo kaSello wafumana imbasa Yokona Kubhaliweyo Kunomdla kukhuphiswano lokubhala loSuku lwaBantwana kunyaka ophelileyo.

Ndinganceda bani?
Yolula isandla sakho
Fikelela ngoncedo
Kwiimfuno zabantu

Vula iindlebe zakho
Nanga amazwi enkuthazo
Vula amehlo akho
Ujonge okukungqongileyo

Zibuze wenjenje: ingaba ndingenza ntoni na?
Unezandla
Unamehlo
Uneendlebe
Zibonakalise.

Ukuba uyathanda, thanda nangakumbi
Ukuba uyacula, yiba yimvumi egqwesileyo
Ukuba uyakwazi ukufunda, funda ngakumbi
Ukuba unayo nantoni na elulutho,
Yibonise ihlabathi.
Phumel' elubala, musa ukuzimela
Zibonakalise
Kulo nyaka.

USello Phemelo, oneminyaka eli-11, weklabhu yokufunda iDynamite Diamonds, eLimpopo. Lo mbongo wabhalwa ngesiNgesi waza waguqulwa esiXhoseni.




Do you enjoy writing and drawing? Are you an adult who writes for children? Or, are you a child who enjoys writing poems or stories, or drawing pictures and then writing about them? We'd love to see what you've been doing! If you send us your writing and pictures, you stand a chance of having them published in the Nal'ibali supplement, or on the Nal'ibali website. Remember: it has to be all your own work!

Send your writing and pictures to: info@nalibali.co.za or PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.

Ingaba uyakuthanda ukubhala nokuzoba? Ingaba ungumntu omdala obhalela abantwana? Okanye, ingaba ungumntwana othanda ukubhala imibongo okanye amabali, okanye ozoba imifanekiso ze abhale malunga nayo? Singathanda ukukubona oko ubukwenza! Ukuba usithumelela oko ukubhalileyo kunye nemifanekiso, usethubeni lokubona oko kupapashwe kuhlelo lweNal'ibali okanye kwiwebhusayithi yeNal'ibali. Khumbula: kufuneka konke oku ibe ngumsebenzi wakho ncakasana!

Thumela okubhalileyo nemifanekiso yakho kule dilesi: info@nalibali.co.za okanye ku-PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.



Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.


Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“... mma ke ndingquThando,” itshilo eyesithathu.

“...and I am Love,” said the third.




“Mna ndingquBulumko,” itshilo eyesibini.

“I am Wisdom,” said the second.



The elders at the door linkonde ziyankqonkqoza

A West African tale
Ibali laseNtshona Afrika




Maryanne Bester Shayle Bester

The elders at the door is one of ten stories specially written and illustrated for the new *Sunday Times Storytime* book which was created for South African children.

The first *Sunday Times* storybook was launched three years ago to allow children to experience the magic of stories, especially in their own languages. The *Sunday Times* has distributed two million copies of the first book in all 11 languages free of charge to schools, libraries and reading clubs across the country.

This book is currently available in English with plans to translate it into other languages in the future.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Fold

“Mna ndingunNtsikelelo,” itshilo eyokuqala.

“I am Blessing,” said the first elder.



Usapho lwaqalisa ukuxoxa ngokuba lukhethe bani na. Oyena mntwana mdala wathi, “Tata, ishishini lakho aliqhubi kakuhle ... ngoko ke ndicinga ukuba simekele ukuba angene ngaphakathi, ukuze ishishini lakho likhule. Siya kuthi ke sisikeleleke, siwongwe ngezinto ezininzi nezintle.



The family began to discuss whom they should choose. The eldest child said, “Daddy, your business has not been going so well... so I think we should invite Blessing to come inside, so that your business can grow. Then we will be blessed with many good things.”


It was early morning and still dark. In the shadows, three figures slowly, slowly made their way along the road, and down into the village. They stopped outside a house and knocked on the door.

Inside the house, the family was wide awake. The children talked and sang with big voices, while their mother cooked the morning meal. When it was ready, the hungry family sat down to eat. Only then did they hear the knocking.

Kwakusekusasa kakhulu kwaye kusemnyama. Kuthe gqi izithunzi ezithathu zithe chu kancinane, zithoba indlela, zisingise elalini. Zema phambi komzi othile zaza zankqonkqoza emnyango.

Ngaphakathi endlwini, usapho lwaluvukile luthe qwa. Abantwana babethetha kwaye becula ngamazwi amakhulu, lo gama umama wabo wayepheka isidlo sakusasa. Kwathi kwakuba kuvuthiwe ukutya, usapho olulambileyo lwahlala phantsi lwathi nqwadalala, lwatya. Kube ngaloo mzuzu kuphela abathi beva ngawo ukunkqonkqozwa kwasemnyango.





The elders replied, "Ah, now that you have chosen Love, we will all come in, because wherever Love is, there is also both Blessing and Wisdom."

Ezi nkonde zaphendula zathi, "Ngxasho ke, ngenxa yokuba nikhethe uThando, sonke siza kungena, kuba kaloku apho kukho uThando, kukho uNtsikelelo noBulumko."

Fold



The mother went to the window and looked out. By now the shadows had lifted, and she could see the figures waiting outside.

"There are three elders out there," she said to the father. "They are dirty and hungry, and need to be taken care of."

"Then you must open the door and invite them in," said her husband.

So the mother went to the door and invited the elders in.

"Ah thank you, kind woman, but we never enter together," said the elders. "You must choose one of us."

The mother went back to the father and told him what the elders had said. "Then we must ask them for their names and choose one of them," said the father.

So the woman went back and asked them for their names.

Umama uye efestleni waza wakroba. Ngoku izithunzi zazisele ziphelle, nto leyo eyenze ukuba azibone ezo nkonde zilindle phandle. "Kukho iinkonde ezintathu apha phandle," uxelele utata. "Zimdaka kwaye zilambile, zifuna ukuncedwa."

"Kaloku kufuneka uzivulele uzimeme zingene ngaphakathi," utshilo umyeni wakhe.

Kwa oko umama waya emyango waza wazimema ezo nkonde ukuba zingene ngaphakathi.

"Owu siyabulela kakhulu nkosikazi enobubele, kodwa asikwazi ukungena sonke ngaxeshanye," zitshilo ezo nkonde. "Kufuneka ukhethwe abemnye apha phakathi kwehnu."

Umama wabuyela kutata waza wamxela into ethethwa zezo nkonde.

"Masizibuze amagama azo, size ke sikhethwe abemnye kuzo," utshilo utata. Uthe ke umama wabuyela kuzo, waza wazibuza amagama azo.

Fold

His sister said, "No, no. The REASON your business is not going well is because you need the wisdom to make it grow. We should ask Wisdom to come in, Daddy."



Udadewabo wathi, "Hayi, hayibo. ISIZATHU sokuba ishishini lakho lingaqhubi kakuhle kungenxa yokuba udinga ubulumko bokulikhulisa. Tata, masimeme uBulumko angene ngaphakathi."




Fold

But the baby, who knew few words, with great insistence, said over and over again, "Love. Love. Love. Love." So the family discussed the matter no further. They decided to invite Love into their home.

Kodwa usana, o'walusazi amagama ambalwa, lona lwananzelisa, luphindaphinda lusithi, "Thando. Thando. Thando. Thando." Ngako oko ke usapho alubanga saphozisa maseko ngokuyixoxa kwakhona le nyewe. Lwagqiba ekubeni lumemele ngaphakathi ekhayeni lwalo uThando.



Fold



For the last time then, the mother went to the door. She stood before the elders and said, "We have chosen Love."

Okokugqibela ke ngoku, umama waphinda waya emnyango. Wema phambi kwezi nkonde wathi, "Sikhethe uThando."



Get creative!

In this new regular section in the supplement we give you ideas for storytelling, reading and writing activities that are fun to do with children. In this first one children use pictures from old magazines to tell their own stories!

You will need:

- old magazines
- ruler and koki/crayon
- scissors

What to do:

1. Prepare for the activity by finding pages from the old magazines that have interesting pictures on them. Tear out these pages. Then, on the back of each page, draw a square which is about 15 cm x 15 cm.
2. Lay out all your magazine pages so that they are face-down. In other words, you can't see the interesting pictures!
3. Ask your child to help you cut along the lines you have drawn without peeping at the pictures on the other side.
4. Put the cut-out squares face-down in a pile.
5. Let your child turn over the first picture and use it to begin to tell a story.
6. When he or she is ready, let them turn over the next picture and use it to continue the story.
7. The story finishes after the last picture has been turned over.



Tips!

- Each person who wants to tell a story will need 10–12 pictures.
- You can make this into a group storytelling activity by doing steps 5 and 6 differently. Let one child begin the story (step 5), but then let another child turn over the next picture and continue the story.
- If you are doing this activity at a reading club and do not have enough scissors for each child, do steps 1 to 3 before the reading club session starts.
- Remember, this activity is not about describing what's in the pictures. It's about being creative and telling interesting stories!




Sebenzisa ubugcisa bakho!

Kweli candelo litsha neliphuma rhoqo kuhlelo sikunika iingcebiso zokubalisa amabali, ukufunda kunye nokubhala imisetyenzana ekonwabisayo ukuyenza nabantwana. Kulo wokuqala umsetyenzana abantwana basebenzisa imifanekiso evela kwiimagazini ezindala ukubalisa amabali abo!

Uza kudinga:

- iimagazini ezindala
- irula kunye neekhoki/iikhrayoni
- isikere



Yintoni ekufuneka uyenze:

1. Lungiselela umsetyenzana lo ngokufuna amaphepha kwiimagazini ezindala nezinemifanekiso etsala umdla. Wakrazule, uwakhuphe la maphepha. Emva koko, ngasemva kwiphepha ngalinye, zoba isikwere esibukhulu buli-15 cm x 15 cm.
2. Waqubude onke amaphepha akho emagazini ukuze imifanekiso enomdla ijonge phantsi. Ngamanye amazwi, imifanekiso enomdla kufuneka ungakwazi ukuyibona!
3. Cela umntwana wakho ukuba akuncedise nisike, nilandele imigca eniyizobileyo ngaphandle kokukroba kwicala elinemifanekiso.
4. Qubuda izikwere ozisikileyo wazikhupha ukuze zibe yimfumba ejonge phantsi, esinye phezu kwesinye.
5. Vumela umntwana wakho aguqule umfanekiso wokuqala aze awusebenzise ukuqalisa ukubalisa ibali.
6. Xa sele ekulungele ukuqhubeka, mvumele aguqule umfanekiso olandelayo aze awusebenzisele ukuqhubeka nebali elo.
7. Ibali liphela emva kokuba kuguqulwe umfanekiso wokugqibela.

Amacebo!

- Umntu ngamnye ofuna ukubalisa ibali kuza kufuneka abe nemifanekiso eli-10 ukuya kweli-12.
- Lo ungawenza ibe ngumsebenzi weqela elibalisa ibali ngokwenza ngokwahlukileyo inyathelo lesi-5 nelesi-6. Vumela umntwana omnye aqalise ibali (inyathelo lesi-5), kodwa ke ngoku uvumele umntwana ongomnye ukuba atyhile umfanekiso olandelayo aze aqhubeke nebali.
- Ukuba wenza lo msebenzi kwiklabhu yokufunda kwaye awunazo izikere ezoneleyo ukuze umntwana ngamnye abe nesakhe, yenza amanyathelo 1-3 phambi kokuba ibe lixesha leseshoni yeklabhu.
- Khumbula ukuba, lo msebenzi awukho malunga nokuchaza ukuba kukho ntoni emifanekisweni. Ngumsebenzi ofuna kusetyenziswe ubuchule bokuqamba nokubalisa amabali anomdla!

Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

About Noodle

Age: 3 years old


Lives with: Bella and her mom

Favourite snack: dog biscuits

Favourite drink: water

Favourite places to visit: places where he can run around and dig holes

Books he likes: books with animal noises in them, especially dogs that bark



Qokelela abalinganiswa beNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNal'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

Okumalunga noNoodle

Ubudala: iminyaka emi-3

Uhlala nabani: noBella nomama wakhe

Eyona nto athanda ukuyishwamza: iibhiskiti zezinja

Esona siselo asithandayo: amanzi

Iindawo athanda ukuzityelela: iindawo apho anokubaleka aze ombe nemingxuma kuzo

Iincwadi azithandayo: iincwadi ezinezandi zezilwanyana ingakumbi izinja ezikhonkothayo

Here's an idea...

Cut out and colour in the picture of Noodle and then paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.

- Draw a thought bubble and then draw a picture inside it to show what Noodle is thinking about.
- Draw a picture of Bella sitting next to Noodle and reading to him.

Or, keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

Nantsi ingcingane...

Sika uze ufake umbala emfanekisweni kaNoodle, ze emva koko uwuncamathisele kuxwebhu lwephepha elikhulu. Emva koko ke yenza ibenye nangaphezulu kwezi zinto zilandelayo.

- Zoba iqampu leengcinga uze uzobe umfanekiso ngaphakathi kulo obonisa ukuba uNoodle ucinga ntoni na.
- Zoba umfanekiso kaBella ehleli ecaleni kukaNoodle emfundela.

Okanye, wugcine lo mfanekiso endaweni ekhuselekileyo, uze xa sele ubaqokelele bonke abalinganiswa beNal'ibali, ubasebenzisele ukuzenzela eyakho ipowusta yakwaNal'ibali!

Story corner

Here is the second part of the story about Hans who has lots of not-so-wise ideas! Enjoy reading or retelling it.

Wise Hans

(Part 2)

Retold by Jay Heale

Illustrations by Meg Jordi

As Hans walked up the hill towards his home village, a flash of sparks made him look to the side of the road. A knife-grinder was sharpening knives on his grindstone.

"You seem very happy," called Hans.

"I am happy," answered the knife-grinder. "Every knife I grind puts money in my pocket. All you need is a good grindstone and everything else is easy." Then he looked at Hans rather carefully. "Tell you what," he said, "I'll exchange my grindstone for your goose. The grindstone's a little bit worn, but your goose isn't brand new either."

"That is very generous of you," said Hans. "My, what a day I am having!"

It had been a long day and Hans felt very tired and hot. He stopped at the well for a drink of water. He put the grindstone down carefully and started to wind up the bucket full of water. But the bucket swung and knocked the grindstone off the low wall. It fell into the well with a great splash!

"This is the best thing that has happened so far!" said Hans. "I don't have to carry that heavy thing one more step. My mother will be glad when I tell her what I have done!"

And he walked on up the road without a care in the world.



Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yesibini yebali elimalunga noHans oneengcinga ezininzi ezingezozabulumko ke noko! Yonwabela ukulifunda okanye ulibalise kwakhona.

UHans Osisilumko

(Inxalenye 2)

Libaliswa kwakhona nguJay Heale

Imifanekiso nguMeg Jordi

Uthe xa ehamba esenyusa induli eya ngaselalini yakhe, wabona iintlantsi ezitakatakayo nezithe zamenza wajonga ecaleni kwendlela. Umloli weemela wayelola iimela kwilitye lakhe lokulola.

"Ukhangeleka wonwabe kakhulu," ukhwaze watsho uHans.

"Ndonwabile," kuphendula umloli weemela. "Imela nganye endiyilolayo ifaka imali epokothweni yam. Into inye nje oyidingayo, lilitye lokulola elisemgangathweni, enye nenye into izenzekela nje lula." Emva koko wajonga kuHans ngobunono. "Uyazi yintoni," watsho, "ndingakutshintshisela eli litye lam ngelo rhanisi lakho. Eli litye linabo ubudalanyana, kodwa nerhanisi lakho alikho litsha kwaphela."

"Bububele obugqithisileyo obo," watsho uHans. "Kowu, luhamba kakuhle kakhulu usuku lwam, he!"

Yayilusuku olude nolushushu, waza uHans waziva ediniwe kwaye enxaniwe. Wema ngasequleni efuna ukusela amanzi. Walibeka phantsi ngobunono ilitye lokulola waza waqalisa ukujija ukuze kuphume i-emele ezele ngamanzi. Koko i-emele yalengalenga yaza yaligila ilitye lokulola laya kuwa emgangathweni ezantsi. Lathi dyumpu equleni ilitye, kwaza kwanyuka amanzi amaninzi!

"Le yeyona nto intle yenzekileyo ukuza kuthi ga ngoku!" watsho uHans. "Andisayi kuphinda ndithwale laa nto inzima kwakhona. Umama wam uza kuvuya kakhulu ndisakumxelela ukuba ndenze ntoni na!"

Watsho enyuka ngendlela engabethelwa nangudo.

Tell us if you liked the story, *Wise Hans* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *UHans Osisilumko* – SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

CAMBRIDGE

From *Three clever thinkers* by Jay Heale © 2009

Iguqulelwe esiXhoseni ivela ku-*Three clever thinkers* nguJay Heale © 2009

In your next *Nal'ibali* supplement:

- How to start a reading club
- Our readers' letters and messages
- A special Valentine's Day activity
- A cut-out-and-keep book, *Bear's haircut*
- A zigzag book, *Spots*

Bookmarks, posters, activity sheets... Download your free resources from the *Nal'ibali* "Resource Section" at www.nalibali.org



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lwe*Nal'ibali*:

- Ungayiqala njani iklabhu yokufunda
- Imiyalezo kunye neeleta ezivela kubafundi bethu
- Umsetyenzana okhethekileyo woSuku lukaValentina lothando
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *Ukuchetywa kukaBhere*
- Incwadi emajikojiko, *Amachaphaza*

Izalathisi ezifakwa encwadini, iipowusta kunye namaxwebhu okusebenzela ... Zikopele imithombo eluncedo simahla evela kwiCandelo leMithombo eLuncedo, "Resource Section" yakwa*Nal'ibali* ku-www.nalibali.org



Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. *Nal'ibali* character illustrations by Rico.



Drive your imagination

Daily Dispatch

The Herald

The Times

Sowetan